## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

**Ukumakisha uvavanyo lokuqonda**

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu iingongoma ezimbini-kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

1.1 1.1.1 'Ukuxhaphaka kwala magama kubonakalisa ingcinga ephangaleleyo nenkolo yokokuba le nto ingumonde yenye yeziphiwo zendalo ezixabisekileyo esazinikwa nguMdali.' √√ (2)

1.1.2 Inzondelelo anayo imsa empumelelweni. √√/Inzondelelo izisa umvuzo oncumisayo ekugqibeleni. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

1.1.3 Siphuhlisa imeko exhomekeke kwenye.√√ (2)

1.1.4 IKumkani yagqwashumla yakhalala.√√ (2)

1.1.5 Usana lutsawula ngesikhalo.√√ (2)

1.1.6 B Ukuphuma kweenyembezi kancinci zimana zinqamka √/B√/ Ukuphuma kweenyembezi kancinci zimana zinqamka. √ (1)

1.1.7 '... sijonge imveku esancancayo ...' √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

1.1.8 Ndiza kuhlamba iimpahla zam elixa iimpahla zisela amanzi. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

1.1.9 Bebevuka basenge.√/Bebekhaphela iimpahla.√/
Bebesiya ediphini.√

[Nayiphi enye kwezi] (1)

1.1. 10 Luluvo kuba akukho bungqina buphathekayo ngobunyani boku koko umbhali uvakalisa uluvo lwakhe.√√ (2)

1.1.11 Ngabantu abadala. √ (1)

1.1.12 'Amadoda anomonde egazini wowabona ngempumelelo kumashishini nasemisebenzini.'√√ (2)

1.1.13 Kunyanyezelwa iinzingo nezilingo zamashishini.√/Kuqokelelwa imali.√

[Nayiphi kwezi] (1)

1.1.14 Zizidubedube.√/Ziimfazwe.√/Ukunyembana. √

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 YiNtshona-Koloni√ kulandele iMpuma-Koloni.√ (2)

1.2.2 YiMpuma-Koloni. √ (1)

1.2.3 Liphondo loMntlakoloni. √√ (2)

1.2.4 EMpumakoloni iiteksi zisetyenziswa kakhulu ngama-82.8 eepesenti ngaphezulu kunaseNtshonakoloni engama–50,7 eepesenti. √ (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha ushwankathelo**

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi esebenzise amazwi akhe naxa ecaphule ngqo.**
  - 6-7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 1-5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-70 inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani
  - lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

| IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | USHWANKATHELO | |
|---|---|---|---|
| 1. | Iititshala zithathe njengabahlobo bakho, kuba zifuna uqhube kakuhle kwizifundo zakho azifuni koyikwa. Ewe ke bangakho abohlukileyo kodwa isininzi sezaseYunivesithi ziyafikeleleka kwaye ziyazamkela izimvo ezahlukeneyo. Umthetho othi, 'kweli gumbi lokufundela kulawula mna', uyaphelelwa xa ugqiba ibanga le-12. | 1. | Iititshala ngabahlobo ziyafikeleleka nangona zingafani. |
| 2. | Sukuba neentloni, lucele uncedo xa ulufuna. Bakho abacebisi onokuthetha nabo malunga nezifundo omawuzithathe bekho nabo banokucebisa ngeengxaki onazo ebomini. | 2. | Cela uncedo kubacebisi bakho ungabi neentloni. |
| 3. | Lungisa izinto zakho ngendlela ukuze ubomi bakho bubelula. Khangela ukuba kufundwa eziphi izifundo, nini, phi rhoqo xa uvuka, kuba ungalibala uphoswe sisifundo. Zahlule iincwadi zakho ngemibala ngokwesifundo ngasinye, ezokufunda, iifayile, nezokubhalela. | 3. | Lungisa izinto zokwenza ubomi bakho bube lula ezifana nokwazi amaxesha ezifundo kwangethuba. |
| 4. | Sebenzani niliqela. Abanye abantu bayakuthanda ukuzifundela bebodwa kanti, abanye basebenza kakuhle kwiqela apho kulula ukufumana iingcamango zabahlobo. Iqela malibe namalungu amahlanu, ukuze wonke ubani afumane ithuba lokuveza iimbono zakhe. Ubuncinci beqela bunyanzelisa wonke ubani athathe inxaxheba. | 4. | Kungakunceda ukufunda neqela kwizifundo ezinzima kodwa ningabi ngaphezu kwesihlanu. |
| 5. | Yenza isicwangciso samaxesha okufunda xa kusondele iimviwo. Bala iiyure esizidingayo isifundo ngasinye ukuze uzabele amaxesha ngokulinganayo. Kukwabalulekile ukuzabela ixesha lokuziphumza nokuba lusuku olunye. | 5. | Isicwangciso samaxesha singakunceda ukuze izifundo zakho zifumane amaxesha alingeneyo. |
| 6. | Musa ukuwuthatha lula umsebenzi wesikolo kuba nguwona unzima ngaphezu kweemviwo kwaye kufuneka uwugqibe ngexesha elibekiweyo. Awunakuwufunda kubusuku obuphambi kwemini ofuneka ngayo! Usenokuthi kanti ufuna ukuba wenze uphando, oluquka udliwano-ndlebe nomntu othile. | 6. | Umsebenzi wesikolo mninzi ngaphezu kweemviwo usenokufuna ukwenza uphando. |
| 7. | Zonwabise, wenze into oyithandayo. Unganethuba lokufunda uzazi wenze nezinto ezintsha. Yakha nobuhlobo nabantu ongenakufane uthethe nabo. Iyunivesithi iyakunceda ekuqondeni wahlule ixesha lokonwaba, elokufunda, elomsebenzi wesikolo, nelokuphumla kanti nelokuxakeka. Xa wonwabile uqhuba kakuhle. | 7. | Yiba nosuku olunye lokonwaba wenze into oyithandayo ukuze uzifumane ukuba ungubani. |

**Inani lamagama [207]** **[70 amagama]**

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

### UMBUZO 3

| | | |
|---|---|---|
| 3.1 | Ziqinisekisiwe ngokuthamba, zikwazezexabiso.√ | (1) |
| 3.2 | Koomama.√ Kuba sithi senzela bona lula√ | (2) |
| 3.3 | Kukuchukumisa iintliziyo zabathengi ekujoliswe kubo. √√ | (2) |
| 3.4 | Amakhwenkwe ma-3√,amantombazana ema-2.√ | (2) |
| 3.5 | B√/B ingcinga ebethelelekileyo ngokwesini√/ingcinga ebethelelekileyo ngokwesini.√ | (1) |
| 3.6 | Ackermans√/Jet√/Edgars√/Game√/Pep. √ | |
| | [Naziphi ezimbini kwezi] | (2) |
| | | **[10]** |

### UMBUZO 4

| | | |
|---|---|---|
| 4.1 | Krismesi √/Shoti √/Majita. √ | |
| | [Nayiphi kwezi.] | (1) |
| 4.2 | C√/C Yokumngqinela uShoti√/Yokumngqinela uShoti.√ | (1) |
| 4.3 | Luvakalelo lokonwaba.√√ | |
| | [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] | (2) |
| 4.4 | Zibonisa ukuba le nto ayithethayo inenye intsingiselo.√√ | (2) |
| 4.5 | Kungokuba isibizo silandela emva kwesimelabizo soqobo sokugxininisa.√√ | (2) |
| 4.6 | NguThemba √ Siwela.√ | (2) |
| | | **[10]** |

## UMBUZO 5

5.1 5.1.1 Kambe le nto ubuxoki iziindidi ezininzi. √ (1)

5.1.2 Okungafunekiyo.√ (1)

5.1.3 (a) **bakwaMtyholi,** -isalatha-ndawo√/isihlomelo sendawo√
(b) **uMtyholi** – isibizo.√ (2)

5.1.4 Aba bantu bayavana bathetha ulwimi lwesiXhosa bobabini√/Ulwimi lwesihlangu sam luyaphuma xa ndinxibe isihlangu√/Uzilume ulwimi kabuhlungu xa ebesitya inyama.√

[Nasiphi isibini esichanekileyo] (2)

5.1.5 Akanjalo ke umntu onolwimi√/Akakho njalo ke umntu onolwimi.√ (1)

5.1.6 Kungokuba silandela isimelabizo sokukhomba√/sokwalatha. √ (1)

5.1.7 Aba bantu√ balolu hlobo kuthiwa ngabaxabanisi. √ (2)

5.1.8 Umanyano. √ Umanyano luyasakha isizwe√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (3)

5.1.9 Rhu.√ (1)

5.2 5.2.1 ... ubethela ...√ (1)

5.2.2 A√/A Inkwenkwe ibetha amagubu√/Inkwenkwe ibetha amagubu.√ (1)

5.2.3 'Daniel, betha amagubu', watsho umhlobo wakhe.√√/ 'Daniel betha amagubu', watsho umhlobo wakhe. √√ (2)

5.2.4

| Isenzi | Ixesha lesenzi |
|---|---|
| ... yawudlala ... √ | Ixesha eladlulayo. √ |

(2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## NOVEMBA 2015

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-14.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2 Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | 50 emizuzu |
| ICANDELO B: | 30 emizuzu |
| ICANDELO C: | 40 emizuzu |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

**UMONDE**

1. Phakathi kwabantu ohlala nabo, uya kuqaphela ukuba basoloko bekho abanamagama angooMonde nooNomonde. Ukuxhaphaka kwala magama kubonakalisa ingcinga ephangaleleyo nenkolo yokokuba le nto ingumonde yenye yeziphiwo zendalo ezixabisekileyo esazinikwa nguMdali. Xa umzali enqwenela ukuba umntwana wakhe anganomonde endalweni nasebomini bakhe, kusukuba ethanda ukuba afumane eyona nto iphakamileyo nebalulekileyo. Xa sizikisa ukulicingisisa eli gama, sifumanisa ukuba liliwele neli lithi 'inzondelelo' kuba **ukuze** umntu abe nomonde kufuneka akwazi ukuzondelela entweni.

2. Kukho ibali elikwiintsomi zikaIsophu, elithetha ngomfo owathi ukuze afumane intombi yekumkani awayefuna ukuyitshata, wabalisela ikumkani intsomi engapheliyo. Le ntsomi yayingentaka eyafika endlwini enkulu ezele umbona, yathatha ukhozo lombona yemka nalo, yabuya yeza kuthabatha olunye ukhozo, yemka nalo. Lo mfo ubalisayo wayemana ukuphindaphinda esithi, 'yabuya, yathath'ukhozo yemka nalo', njalo njalo. Sifundiswa izinto ezimbini ngumbalisi, umonde nenzondelelo. Ukanti umbalisi wale ntsomi wayenenjongo yokuphungula umonde omninzi wokumkani owayengadinwa kukuphulaphula yonke imihla amabali amatshawe namagorha awayefuna intombi yakhe yena engafuni kuyendisa. Unokuqonda ukuba le kumkani yayinomonde xa yayinokuphulaphula la mabali ngamabali yonke imihla. Ukukruquka kwayo yile ntsomi yale ntaka, kwabonakala ngokugqwashumla nokukhalala kwayo, ukuba isoyiswa kukulinda kude kuphele eziyaa nkozo zazithelekelelwa kwizigidi ngezigidi.

3. Ingaba umonde lo yindalo, umntu uzalwa nawo okanye uyawufundiswa? Ndingawuphendulanga nje lo mbuzo ndithanda ukuba sikhe siqwalasele usana oluncinane olusamuncayo okanye oseluqala ukuzityela. Ukhe uluqaphele indlela olumxhesha ngayo unina xa selulambile? Ukuba unina usalibele kukufudumeza ubisi, okanye ukuhlamba ibhotile, uya kuva ngokutsawula kwesikhalo salo ukuba akukho zicengo ziza kunceda ukuba olu bisi alulungi ngoku. Naba sele bethe dlandlu ukukhula abantwana, kunzima ukulinda xa sele beyifuna into. Xa umntu evela esikolweni, elambile, waza wafika imbiza isarhoxa amanzi okugqibela uya kumbona echiphichiphiza ngenxa yokungabi namonde wokulinda.

4. Imfundo yakudala yayifunyanwa ngabo bantu bakwaziyo ukuzondelela. Izikolo zazikude, kufuneke umntu avuke ngentseni asenge, athi akugqiba akhaphele iimpahla, okanye aye ediphini, kanti loo mntu useza kuya esikolweni. Ngelo xesha, nesikolo siyakrakra kuba ootitshala nabo bafuna umsebenzi wabo kwakulo mntu uxakeke olu hlobo. Kwakufuneka anyamezele ezi meko umntwana ukuze aphumelele. Abangenamonde nanzondelelo bona babesishiya isikolo bakucinga ngokululamela ezi meko unyaka wonke kungekho lonwabo.

5. Umonde uhamba nokunyamezela. Akakwazi umntu ukuba nomonde engakwazi ukuzinyamezela izinto ezikhathaza umphefumlo nomzimba. Abafundi banamhlanje abafani nabakudala. Iimeko zokuhlala nezokufunda ezazinyanyezelwa ngabafundi bakudala ezinaleni nasezikolweni zangaphandle azinyamezeleki kwaba banamhlanje. Loo nto ithetha ukuba abakudala babekufundile ukuba nomonde. Iimeko ababekhula phantsi kwazo zazibafundisa ukunyamezela, kodwa ke, noxa kunjalo asinguye wonke umntu onomonde.

6. Esi sifo sokungabi namonde sikho nasebantwini abadala. Ukuba ukhe uhambe ngemoto isithuba eside uya kubuya ubambe ongezantsi zizinto ezenziwa ngabaqhubi beemoto endleleni, kube ngakumbi wakuqaphela ukuba naba bantu benza ezi zinto ngabantu abahloniphekileyo.

7. Amadoda anomonde egazini wowabona ngempumelelo kumashishini nasemisebenzini. Uthi xa uqwalasele ubukhulu bamashishini la, uqikelele ukuba lo msebenzi uthathe iminyaka ngeminyaka kunyanyezelwa iinzingo nezilingo zamashishini, kuzanywa ukuqokelelwa ezi senti. Abangenamonde oosomashishini bayacaca. Ootitshala, oomabhalana nabanye abasebenzi ababehamba nzima ngaphambili, namhlanje banemizi ekhangelekayo. Xa ubuza ukuba benza njani na ukuze bafikelele kweli nqanaba, impendulo inye, ngumonde, inzondelelo nokunyamezela.

8. Abantu abangaziqeqeshanga ekubeni bakwazi ukuba nomonde ebomini nasentlalweni yabo, kunzima ukuba bakwazi ukunyamezelana. Izidubedube, iimfazwe, ukunyembana yonke le nto idalwa kukuba nomonde omncinci okanye ukungabikho kwawo.

[Sithathwe kwincwadi Iphulo; KS Bongela, iphepha 72–77 saze sahlelwa.]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Caphula ngokuchanekileyo isivakalisi esibonisa ukuba amagama aphiwa abantu aphuhlisa okuthile ngeziphiwo zikaThixo. (2)

1.1.2 Bhala isivakalisi esichanekileyo usebenzise isibizo esithi, 'inzondelelo' njengentloko yesivakalisi. (2)

1.1.3 Siphuhlisa ntoni isihlanganisi esibhalwe ngqindilili, 'ukuze'? (2)

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.4 Yenza ntoni iKumkani ukuvakalisa ukukruquka kwayo kukubaliselwa intsomi? (2)

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.5 Xela isenzo esenziwa lusana ukuxhesha unina xa lulambile? (2)

1.1.6 Khetha impendulo echanekileyo. Igama elithi, 'echiphichiphiza' lithetha:

A Ukuphuma kweenyembezi kakhulu zingayeki okokoko.
B Ukuphuma kweenyembezi kancinci zimana zinqamka.
C Ukuphuma kweenyembezi kakhulu zimana zinqamka.
D Ukuphuma kweenyembezi kancinci zingayeki okokoko. (1)

1.1.7 Bhala ngokutsha eli binzana lilandelayo, usebenzise amazwi akho.
'… siqwalasele usana oluncinane olusamuncayo …' (2)

**Jonga kumhlathi 4**

1.1.8 Bhala isivakalisi ESINYE usebenzise isibizo, 'iimpahla', ukuphuhlisa iintsingiselo ezahlukeneyo ngaso. (2)

1.1.9 Dwelisa izinto EZIMBINI ubuncinane ezenziwa ngabantu kudala phambi kokuya esikolweni. (1)

**Jonga kumhlathi 5**

1.1.10 'Abafundi banamhlanje abafani nabakudala.' Ingaba luluvo okanye yinyaniso na oku? Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi 6**

1.1.11 Ngoobani abanye abanesifo sokungabi namonde? (1)

**Jonga kumhlathi 7**

1.1.12 Chonga isivakalisi esichanekileyo esiphuhlisa ingcinga ebethelelekileyo nedlelelelayo ngokwesini. (2)


1.1.13 Xela into ibe NYE ebangela kuthathwe iminyaka ngeminyaka ukuphumeza ishishini. (1)

**Jonga kumhlathi 8**

1.1.14 Chaza zibe MBINI izinto ezidalwa kukunqongophala komonde. (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 Funda le grafu ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.




| | MPUMAKOLONI | MPUMALANGA | MNTLAKOLONI | NTSHONAKOLONI |
|---|---|---|---|---|
| ITEKSI | 82.8 | 51.8 | 45.5 | 50.7 |
| IBHASI | 14.6 | 47.9 | 54.2 | 28.6 |
| ITREYINI | 2.6 | 0.3 | 0.4 | 20.7 |

[Ithathwe kuvimba wabevi]

1.2.1 Xela amagama amaphondo AMABINI asebenzisa itreyini kakhulu ngokulandelelana kwawo. (2)

1.2.2 Leliphi elona phondo lineqondo eliphantsi lokusebenzisa ibhasi? (1)

1.2.3 Leliphi iphondo elisebenzisa kakhulu ibhasi? (2)

1.2.4 Thelekisa ngokweepesenti ukusetyenziswa kweeTeksi eMpumakoloni naseNtshonakoloni. (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule usishwankathele ubonise amacebo anokukunceda ukuze uphumelele eyunivesithi. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

### ISICATSHULWA C

**OMAWUKWENZE UKUZE UQHUBE KAKUHLE EYUNIVESITHI**

Ibanga leshumi uligqibile, ikwamkele iyunivesithi. Uza kwenza izifundo ozinqwenelayo, uqhube kakuhle, ufumane isidanga. Wenza njani? Nanga amacebiso ambalwa aza kukunceda.

Iititshala zithathe njengabahlobo bakho, kuba zifuna uqhube kakuhle kwizifundo zakho, azifuni koyikwa. Ewe ke bangakho abohlukileyo kodwa isininzi sezaseYunivesithi ziyafikeleleka kwaye ziyazamkela izimvo ezahlukeneyo. Umthetho othi, 'kweli gumbi lokufundela kulawula mna', uyaphelelwa xa ugqiba ibanga le-12.

Sukuba neentloni, lucele uncedo xa ulufuna. Bakho abacebisi onokuthetha nabo malunga nezifundo omawuzithathe, bekho nabo banokucebisa ngeengxaki onazo ebomini.

Lungisa izinto zakho ngendlela ukuze ubomi bakho bubelula. Khangela ukuba kufundwa eziphi izifundo, nini, phi rhoqo xa uvuka, kuba ungalibala uphoswe sisifundo. Zahlule iincwadi zakho ngemibala ngokwesifundo ngasinye, ezokufunda, iifayile, nezokubhalela.

Sebenzani niliqela. Abanye abantu bayakuthanda ukuzifundela bebodwa kanti, abanye basebenza kakuhle kwiqela apho kulula ukufumana iingcamango zabahlobo. Iqela malibe namalungu amahlanu, ukuze wonke ubani afumane ithuba lokuveza iimbono zakhe. Ubuncinci beqela bunyanzelisa wonke ubani athathe inxaxheba.

Yenza isicwangciso samaxesha okufunda xa kusondele iimviwo. Bala iiyure esizidingayo isifundo ngasinye ukuze uzabele amaxesha ngokulinganayo. Kukwabalulekile ukuzabela ixesha lokuziphumza nokuba lusuku olunye.

Musa ukuwuthatha lula umsebenzi wesikolo kuba nguwona unzima ngaphezu kweemviwo kwaye kufuneka uwugqibe ngexesha elibekiweyo. Awunakuwufunda kubusuku obuphambi kwemini ofuneka ngayo! Usenokuthi kanti ufuna ukuba wenze uphando, oluquka udliwano-ndlebe nomntu othile.

Zonwabise, wenze into oyithandayo. Unganethuba lokuzifunda uzazi wenze nezinto ezintsha. Yakha nobuhlobo nabantu ongenakufane uthethe nabo.

Iyunivesithi iyakunceda ekuqondeni wahlule ixesha lokonwaba, elokufunda, elomsebenzi wesikolo, nelokuphumla kanti nelokuxakeka. Xa wonwabile uqhuba kakuhle.

[Sithathwe kwi*BONA* magazini, Matshi 2008; iphepha 70–72 saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA D: ISIBHENGEZO-NTENGISO




[Sithathwe kuwww.buccaneershoes.co.za saze salungiselelwa uviwo]

3.1 Sithini isilogani sesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.2 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.3 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwabantwana kwesi sibhengezo-ntengiso? (2)

3.4 Mangaphi amakhwenkwe namantombazana kwisibhengezo-ntengiso? (2)

3.5 Khetha impendulo echanekileyo ngezantsi.

Kwibinzana elithi, '**Senzela lula ooMama ...**' sifumana ulwimi oluqulethe ...


A Ingcinga ebethelelekileyo ngokobuhlanga.
B Ingcinga ebethelelekileyo ngokwesini.
C Ingcinga ebethelelekileyo ngokwebala.
D Ingcinga ebethelelekileyo ngokwendawo. (1)

3.6 Nika amagama eevenkile EZIMBINI ezifumaneka kuzo ezi zihlangu. (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Ithathwe kwi*BONA* magazini, Disemba 2008, iphepha 115 yaze yahlelwa]

4.1 Chonga igama lemboleko kwisakhelo soku-1. (1)

4.2 Kwisakhelo sesi-2, impendulo kaStix ethi 'Kunjalo' inenjongo:

Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

A Yokumphoxa uShoti.
B Yokumncoma uShoti.
C Yokumngqinela uShoti.
D Yokumhlekisa uShoti. (1)

4.3 Loluphi uvakalelo oluvezwa yinkangeleko yobuso bukaStix kwisakhelo sesi-3? (2)

4.4 Zisebenze msebenzi mni iimpawu zocaphulo kwigama 'nangothando' kwisakhelo sesi-4? (2)

4.5 Nika isizathu sokushiywa kweceba kwibinzana elithi, ' eyona nto' kwisakhelo sesi-7. (2)

4.6 Nika igama nefani yomzobi wale khathuni. (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

**ISICATSHULWA F**

**UKUXOKA**

Kambe le nto ubuxoki <u>izindidi</u> ezininzi, kodwa ke, **mfundi** ndiza kube ndisithi zintathu iindidi zokuxoka. Kwezo ndidi zikho ezinengozi, zikwakho nezilungileyo. Apha ekuxokeni kukho ukuxoka okungafunekiyo esithi xa sikubiza *lulwimi.* Umntu onolu hlobo lokuxoka simthiya amagama amaninzi, sithi ngumphambanisi, umxabanisi, njalo njalo. Lubi ke olu hlobo lokuxoka.

Umntu onolu hlobo lokuxoka uyakwazi ukuyiqweba into emqaleni ingekho, athi ithethwe ngomnye, ngeenjongo zokuxabanisa eso sibini. Obu ke ubuxoki bobu bakwaMtyholi, nomntu onabo nguMtyholi ngokwakhe, kuba kaloku uMtyholi akayifuni into entle, uyakhathazeka akubona abantu bemanyene anqwenele ukubadungadunga, abahlule phakathi, akafuni kubona into entle emntwini. Unjalo ke umntu onolwimi, uyakwazi ukubeka izenyeliso nalapho zingafanelekile.

[Ithathwe kwincwadi, Imitha yelanga, ebhalwe nguWK Tamsanqa, iphepha 8, yaze yalungiselwa uviwo]

5.1.1 Lungisa isiphene sopelo esikwigama elinomgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

Kambe le nto ubuxoki i<u>zindidi</u> ezininzi. (1)

5.1.2 Khetha isichazi kwisivakalisi esingezantsi.

Apha ekuxokeni kukho ukuxoka okungafunekiyo. (1)

5.1.3 Nika isigaba sentetho segama ngalinye elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi.

Obu ke ubuxoki bobu (a) **bakwaMtyholi,** nomntu onabo nguMtyholi ngokwakhe, kuba kaloku (b) u**Mtyholi** akayifuni into entle. (2)

5.1.4 Sebenzisa igama ulwimi kwizivakalisi eziBINI ubonise ukuba linentsingiselo eyahlukileyo kule ikwisivakalisi esingezantsi.

Apha ekuxokeni kukho ukuxoka okungafunekiyo esithi xa sikubiza lulwimi. (2)

5.1.5 Guqula esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo elandulayo.

Unjalo ke umntu onolwimi. (1)

5.1.6 Xela ukuba kutheni isibizo esibhalwe ngqindilili singenalo iceba.

Lubi ke olu **hlobo** lokuxoka. (1)

5.1.7 Lungisa iziphene zobhalo kwisivakalisi esingezantsi.

Ababantu baloluhlobo kuthiwa ngabaxabanisi. (2)

5.1.8 Guqula isenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi sibe sisibizo wandule ukusisebenzisa kwisivakalisi ngokuchanekileyo.


Uyakhathazeka akubona abantu <u>bemanyene</u>. (3)

5.1.9 Khetha isifanekisozwi esichanekileyo kwizibiyeli kwesi sivakalisi singezantsi.

Uthe akumva ukuba uyaxoka, wamxelela ukuba uxoka (rhushu/rhu). (1)

5.2 **ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**

Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Uthathwe kwi*BONA* magazini, Julayi 2014; iphepha 130]

5.2.1 Bhala isenzi esikwizibiyeli sibe kwisixando sokwenzela.

UDaniel (betha) abantwana amagubu. (1)

5.2.2 Khetha isivakalisi esibhalwe ngokuchanekileyo kwezi zilandelayo.

A Inkwenkwe ibetha amagubu.
B Inkwenkwe ubetha amagubu.
C Inkwenkwe abetha amagubu.
D Inkwenkwe babetha amagubu. (1)

5.2.3 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwintetho-ngqo.

Daniel betha amagubu watsho umhlobo wakhe. (2)

5.2.4 Khetha isenzi uxele nexesha esikulo kwesi sivakalisi singezantsi:

Le nkwenkwana yawudlala isencinci umculo.

Bhala ngolu hlobo:

| Isenzi | Ixesha lesenzi |
|---|---|
| | |

(2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijanra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa u-EWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa u-YINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

### 1.1 ISICATSHULWA A

1.1.1 YiBlythswood√/yiBhlayi.√ (1)

1.1.2 Watyibilika ebulongweni xa kanye atsiba elinye lamatye amakhulu abukhali√wabhukuleka wabetheka ngecala lobuso kunye nenqentsu.√ (2)

1.1.3 (a) (iii)√/Nozililo.√
(b) (iv)√/Nomakhwezi.√
(c) (i)√/Lungile.√ (3)

1.1.4 Kukumfunela ootsotsi ukuba bambulale√/kukumthintela ukuba afumane ilifa lakhe levenkile√/kukuthumela abantu baqhekeze ivenkile√/kukuzama ukutshisa ivenkile√/kukufuna amaphepha obunini bevenkile√/kukuba amahlukanise nabazali bakhe bangavani√/ abe sisithunzela esingazazi ukuba uza kuphelela phi√/ayeke isikolo abengungantweni.√ (2)

1.1.5 Sesokutsha kwabazali bakhe bade basweleke√/sesokutsha kwabazali bakhe phambi kwakhe bade basweleke.√ (1)

1.1.6 Sikwinqanaba lokuyondelelana kwezinto√/lokujiya kwezinto√ kukunyukela kwamanqanaba ebali kuba uqalisa ukudibana nemingeni enjengesi siganeko sengozi.√ (2)

1.1.7 Yimpixano yangaphakathi√ engeengcinga zobukhwele√/yingxoxo eshushu engqondweni yakhe√/yimpixano nesiqu sakhe√/ucingela ngaphakathi akathethi namntu.√

[Nayiphi impendulo kwezi.] (2)

1.1.8 Luvakalelo losizi√/udandatheko√/ukungakholelwa√/ukubethana kwengqondo√/uvelwano√/ukukhathazeka√/ukumangaliswa√/ukuva kabuhlungu√/ukothuka√/unxunguphalo√/akumnandanga.√ (1)

1.1.9 Umbalisi ungomnye wabalinganiswa.√ (1)

1.1.10 Ngumlinganiswa oyintloko kuba iziganeko zebali zingqonge yena√√/ifuthe lakhe liyavakala nokuba akakho kuthethwa ngaye √√/uthatha inyathelo lokususa imiqobo esendleleni yakhe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Yayingumbhiyozo wokwamkela uMpumelelo ekubuyeni kwakhe eSkotlani/phesheya.√ (1)

1.2.2 Kwahlatywa umtshana kaNozililo√/kukuhlatywa komfana√/kukusweleka komntu ngokuhlatywa.√ (1)

1.2.3 Bakho abantu abangootsotsi ababemlinde ukuba aphume phandle ukuze bambulale√√/bakho abantu abambalwa abamlaleleyo kuba befuna ukumbulala.√√ (2)

1.2.4 Ngumxhasi kaMpumelelo.√ (1)

1.2.5 B Womntu ohamba ngokungxama√/B√/womntu ohamba ngokungxama.√ (1)

1.2.6 Umzobe njengomlinganiswa onganyanisekanga√ kuba uLizzie wayebazi aba tsotsi ethandana nomnye wabo√/ngumlinganiswa osisikrelemnqa/ongenanyani/ongathembakalanga√ kuba engafuni kusuleleka lityala wabaphika kodwa ebazi.√ (2)

1.2.7 Kukubhaqwa kootsotsi ababerhanelwa ukuba bathengwe nguNozililo ukuba batshise ivenkile yakwaNtsibande.√√ (2)

1.2.8. Wamthatha uThembisa wahlala kuye ukuze amfundise√√/ wamhlawulela iindleko zokufunda eWentworth wade wangugqirha√√/wayakucenga utata kaThembisa ukuba amvumele aqhubekeke nezifundo zakhe kuba ebona ubukrelekrele bakhe√√/wanyamezela izithuko zikatata kaThembisa kuba ebona ingqondo yalo mntwana.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (2)

1.2.9 Kusisigqebelo kuba endaweni yokuba kuhlatywe uMpumelelo abecebe ukuba ahlatywe kusuke kwahlatywa umtshana wakhe yena Nozililo√√/uvuyo lukaNozililo lujike lwaziinyembezi√√/uvuyiswa kukuhlatywa komntu emdanisweni kuba ecinga ukuba nguMpumelelo kanti ngumtshana wakhe.√√ (2)

1.2.10 Kukho into engahambi ngendlela√√/kukho into ayikrokrelayo√√/kukho into engaqondakaliyo√√/kukho ukungcola.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (2)

1.2.11 Umxholo wenoveli ungobomi obunamahlandinyuka√√/ubomi bunecala elibi nelihle√√/ebomini kuba mhlophe kube mnyama.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

2.1 **ISICATSHULWA C**

2.1.1 'Naako isenza izantya ukusinga ngasemnyango-mbakra ukuwuvala, iphuma njalo'.√ (1)

2.1.2 Kukucinga ukuba unike uEddie ithuba lokukhupha isithandwa sakhe sesibini√√/ukucinga ukuba uEddie udlala ngaye√√/kukucinga ukuba uEddie umenza isibhanxa ngokungade amtshate kukudala emngejile.√√ (2)

2.1.3 (a) (ii)√/Linda Monti.√
(b) (iii)√/Eddie.√
(c) (iv)√/Hlobo.√ (3)

2.1.4 Luvakalelo loloyiko√ ngokuba ingxingwa nobumnyama zenza ubambe umzimba kuba ingathi kuza kubakho ubungozi okanye into eyoyikisayo.√ (2)

2.1.5 Lizoba umfanekiso ntelekelelo womntu oquphileyo ukuhamba√√/ ngowomntu oqubuleyo ukuhamba.√√

[Nayiphi impendulo yomviwa kwezi iya kwamkeleka.] (2)

2.1.6 Uzobo ngqo.√ Umbhali umchaza ngokwakhe.√ (2)

2.1.7 Siwandisile amathuba kaLinda okuba ngumrhanelwa kwityala lokufa kukaEddie ngohlobo lokuba uHlobo uye wasithatha njengobungqina ukuba wasela uLinda ukuze abe nesibindi sokubulala uEddie√√/kuba naye akazi ukuba kwenzeka ntoni emva koko kunxila kwakhe.√√ (2)

2.1.8 Sisifaniso.√ (1)

2.1.9 Udlale indima yokuba ngumntu ofikelelekayo√√/ofumaneka kufutshane kubahlali ngamaxesha engxaki kangangokuba noLinda uye wafikelela kuye eqhutywa yingxaki yakhe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (2)

2.2 **ISICATSHULWA D**

2.2.1 Sesokugwintwa kukaEddie Maga noLulama Zuma.√ (1)

2.2.2 Sisigwebo sentambo√/bubomi entolongweni.√ (1)

2.2.3 D Wabantu ababemana ukuya bebuyelela√/D√/wabantu ababemana ukuya bebuyelela.√ (1)

2.2.4 Uzotywe njengomlinganiswa ongumgulukudu√/njengomlinganiswa othanda imali√/njengomlinganiswa ongenanyani√/akanantliziyo√/uzenza umhlobo kanti akanguye√/osicaba.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (1)

2.2.5 Sisiganeko sokulwa noHlobo akuva isililo sikasisi wakhe endlwini kaLinda√ sisiganeko sokuya kukhangela usisi wakhe entolongweni amfunele negqwetha√/nguye yedwa owayelingqina elimxhasayo uLinda kwinkundla yamatyala, ngomhla wetyala.√ (2)

2.2.6 Lokujiya kwezinto/lokuyondelelana kwezinto√ kuba isiganeko sokudluliselwa kwetyala likaLinda kwinkundla yejaji yinkundla kamantyi kukunyukela kwamanqanaba ebali.√ (2)

2.2.7 Yincwadi eyafunyanwayo awayeyibhale ngenjongo yokukhweleta.√ (1)

2.2.8 Kusisigqebelo kuba endaweni yokuba batshate uLinda uye watyholwa ngokubulala UEddie.√ (1)

2.2.9 Bube luncedo kuba itape recorder kaEddie ayixelileyo iveze abona babulali bakaEddie√√/buye bamenza uHlobo akayeka ukuphanda efuna eli nenekazi labonwa eRio linxibe njengoLinda. (2)

2.2.10 Abaseki beMoonglow Night Club babengavisisani ngeenjongo zokusekwa kwayo kwakunye nendlela emayisebenze ngayo.√√ (2)

2.2.11 Andivumelani ukuba yayiphelile imvisiswano phakathi kukaEddie noLinda kuba uLinda wayengenalwazi ngothando lukaEddie noLulama.√√ (2)

2.2.12 Umxholo wale noveli uthi akho nto ifihlakala kuphele√√/izinto ezenzeka emfihlakalweni zibuya zivele elubala.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 3: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

### 3.1 ISICATSHULWA E

3.1.1 Emzini kaMawonga.√/ KwaThandiwe√ (1)

3.1.2 Kukuzinikela etywaleni de kwachaphazeleka nomsebenzi wakhe√/Kukuzinikela etywaleni de angawenzi kakuhle umsebenzi wesikolo.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (1)

3.1.3 Ukuphela kwemali√/imali yaphela.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (1)

3.1.4 (a) (iv)√/Funeka.√
(b) (i)√/Mawonga.√
(c) (ii)√/Zanele.√ (3)

3.1.5 Sikwinqanaba lokujiya kwezinto√ kuba ibali liyajiya uMawonga uzinikele ngamandla etywaleni, wayeka nomsebenzi.√ (2)

3.1.6 Lizoba umfanekiso-ntelekelelo womntu owenza ingxolo xa esitya evule umlomo.√√ (2)

3.1.7 Imveza njengomlinganiswa ongawukhathalele umzi womnye umntu √√/imveza njengomlinganiswa othanda imali√√/njengomlinganiswa oxhwitha ixhoba sele liwile√√/njengomlinganiswa onesibindi√√/njengomlinganiswa ongenambeko.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (2)

3.1.8 Kukubonisa intshukumo eyenzeka eqongeni.√ (1)

3.1.9 Oku kuthethwa kwesiNgesi kutyhila ukuba abalinganiswa baphila impilo yezifundiswa.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (2)

3.1.10 Yintlekele/yitrajedi√isiphelo sawo sibe kukufa kwabalinganiswa√/umlinganiswa oyintloko ufumana isohlwayo.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (2)

3.2 **ISICATSHULWA F**

3.2.1 NguMawonga.√ (1)

3.2.2 Othanda ukunyotywa ngabalinganiswa kuba elilungu lekomiti√√/othanda ukunyotywa kuba wathatha isinyobo kuNdila nakuMaziko√√/osicaba.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (2)

3.2.3 Sinika intsingiselo yokuba amanye amalungu ekomiti ayeyithakazelela kwaye eyikhuthaza into yokuba arhoxiswe uMawonga√√ (2)

3.2.4 UMawonga wenze umsebenzi oncomekayo ngexesha ebengekabuseli utywala kodwa uthe akuzinikela etywaleni wehla umgangatho womsebenzi wakhe.√√ (2)

3.2.5 C luzobo olumayana√/C√/luzobo olumayana.√ (1)

3.2.6 Ubudlelwane abukho phakathi kweetitshala ngenxa yokunyolukela izihlalo√√/kuvuka amayelenqe empindezelo, loo nto ichaphazele ukungonwabi kwiintsapho ezithile, kuphele kukho nokufa kwezo titshala√√/kuselokishini kukho iishibhini nokusetyenziswa kakubi kotywala ngabantu bakhona.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (2)

3.2.7 Akuzukucengwa mntu√√/akuzukuthantanyiswa mntu.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (2)

3.2.8 Yimpixano yangaphakathi√isenzo sokuzibulala sibonakalisa ukuba nomvandedwa oluphawu lwempixano yangaphakathi.√ (2)

3.2.9 Njengomlinganiswa oyindoda ethabatheka lula ngamabhinqa nalulonwabo√√/ongqukuva/ngumntu gqibi kuba uyaguquka ngokwemeko zobomi bakhe akahlali eyinto enye√√/nangona wayeqale engumntu onesidima nohloniphekileyo uphela elinxila eliphaleleyo.√√ (2)

3.2.10 Imfundiso edluliswa ngalo mdlalo yeyokuba abantu bayanyamezela bade bafike kwiqondo lokudinwa xa kungekho tshintsho kwisimo esibi√√/sukuthathela phezulu isiphene somnye umntu ngokuba nawe ungathi kanti unaso eso siphene√√/izinto ezinobungozi ziqala mayana√√/izenzo ezibi ziyohlwayelwa√√/ kwilizwe lokuphangela kubekelwana izabatha√√/ungabokucinga ukuba umntu umgqibile kuba usenokuziphindezela.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo yomviwa iya kwamkeleka.] (2) **[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 4: 'NDAKUYICELA IVUTHIWE' – LL Ngewu & EZ Guqa

### 4.1 'NDAKUYICELA IVUTHIWE' – LL Ngewu

### ISICATSHULWA G

4.1.1 Emzini kaMaVumisa√/kuloQolwana√/emzini wamaNdlambe.√ (1)

4.1.2 LiseThekwini.√ (1)

4.1.3 Impixano ingesithethe samaNdlambe sakudala sokuba umfana makafune imvume yokuzibonela umfazi nasibona uQolwana njengesiphelelwe lixesha.√√ (2)

4.1.4 Kusisigqebelo kuba endaweni yokuba azise uzuko uye wadala ingxwaba-ngxwaba akufika kweliya khaya.√ (1)

4.1.5 Wawabizela ukuwachazela ukuba uNozukile, inkosikazi yakhe iyiwole yonke impahla ayashiya nesipeliti kwabe kungekho nomkhondo wokuba iye kutshona phi√√/wawabizela kuba etyisa inkosikazi yakhe utsiki.√√ (2)

4.1.6 (a) (ii)√/Mluleki.√
(b) (iii)√/MaVumisa.√
(c) (i)√/Qolwana.√ (3)

4.1.7 Lizoba umfanekiso ntelekelelo womntu ongenasimilo, ongalawulekileyo owenza intando yakhe.√√ (2)

4.1.8 Sikwinqanaba lesiphelo√/kuba ibali lifikelele esiphelweni kuba uQolwana ongumlinganiswa oyintloko ube nokuzisola ngesenzo sakhe esingekho sikweni.√ (2)

4.1.9 Yintsingiselo yokuxakwa kungabikho mpendulo.√√ (2)

4.1.10 Isihloko sebali esithi, 'Ndakuyicela ivuthiwe' siyintetho ethethwa ngumntu onamava kumntu ongamameliyo siyanxulumana nomxholo kuba lo mfo wayelunyukisiwe nguMluleki ngalo mfazi, akamamela. √√ (2)

4.2 **'ITUTU LASETIKITIKI' – LL Ngewu**

**ISICATSHULWA H**

4.2.1 Wakhalaza√/wabuza unyana wakhe efuna ukuqonda.√ (1)

4.2.2 Ongakwazi ukumelana neemeko zabafundi abaneengxaki kwigumbi lakhe lokufundela√√/ongazithembanga ngomsebenzi wakhe√√/okwikhondo elingamfanelanga.√√ (2)

4.2.3 C Imihlathi√/C√/imihlathi.√ (1)

4.2.4 Sisibonisa ukuba Thobile wayengumlinganiswa ophaphileyo, ocinga ngokukhawuleza.√√ (2)

4.2.5 Kwidolophu yakuTsolo, kwezi lali: eCingco,Tikitiki neyaseCwele.√√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.2.6 Sinika intsingiselo yokuba uThobile wayesenza izinto ezingekho mgaqweni.√√ (2)

4.2.7 Luzobo ngqo√ kuba umbhali umchaza ngokwakhe umlinganiswa.√ (2)

4.2.8 Sisigwebo sokuthunyelwa kwakhe iminyaka emine esibhedlele sabagula ngengqondo esamenza waphuma eguqukile kwisimo sokuba lisela.√ (1)

4.2.9 Isihloko sithi itutu laseTikitiki nomxholo webali uthetha ngobusela obugqithisileyo obabusenziwa ngumlinganiswa waseTikitiki.√√ (2)

4.2.10 Limfanele igama uKhonzisizwe kuba ekubeni ephumile esibhedlele sabantu abagula ngengqondo, ebuyekile nobusela wazinikezela ekwenzeni okulungileyo engajonganga mbuyekezo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE – *VUKANI MADODA KUSILE*

## UMBUZO 5

5.1 **Amasele phezu kodonga – MM Duka**

5.1.1 Yayikukubonisana ngomcimbi weenyoka ezasisitya amasele.√ (1)

5.1.2 D Ukuphuma ngobuninzi kwamasele√/D√/ukuphuma ngobuninzi kwamasele.√ (1)

5.1.3 Yimvano-siphelo.√ (1)

5.1.4 Inkosi√/Ithole lesilo√/Inkosana.√ (1)

5.1.5 Uzoba umfanekiso ntelekelelo womntu onomzimba omkhulu, ophakamileyo nobuso obungakhululekanga.√√ (2)

5.1.6
(a) (ii)√/Amasele ahlangana onke ngenjongo yokuxoxa ngezekhaya.√
(b) (i)√/Amasele amkela inkonyana yohlanga yaze yabaxelela ngobutshaba beenyoka√
(c) (iv)√/Induna yahlala phantsi inomsindo yathuthuzelwa yathula.√ (3)

5.1.7 Lizoba umfanekiso ngqondweni wendlebe√/wokuva.√

[Nayiphi impendulo kwezi.] (1)

5.1.8 Kukudala isingqisho.√ (1)

5.1.9 Kukubonisa intetho ngqo kaXoxwazana.√ (1)

5.1.10 Isitanza sesi-3 sinemiqolo emihlanu kanti isitanza sesi-4 sinemiqolo elishumi elinesihlanu.√ (1)

5.1.11
(a) KwalamlaNdun'enkulu uNdubule√/umqolo wama-23√/ masifunzeni umqolo wama-25√/'Vu phantsi iNduna kad'ibilinga. Umqolo wama-26.√/Inyaniso iyahlaba.√/Masifunzeni saphela kulo mhlaba.√
[Nayiphi impendulo kwezi.]

(b) Isimntwiso√/isibaxo.√ (2)

5.1.12 Kwaqala kwalo ebesithi makuliwe kuyiwe phambili, ukubaleka.√√ (2)

5.1.13 Inxunguphele√/Ikhathazekile.√

[Nayiphi impendulo kwezi.] (1)

5.2 **Bafana Bafana – S Xayimpi**

5.2.1 Kukuncoma/kukukhuthaza√ kuba kumbongo wonke lisebenzisa isigama esincomayo esingoo'Huntshu!', 'uyabulela …', yimincili ide ikhuthaze ngamazwi athi 'phambili'√ (2)

5.2.2 Kwiqela lebhola ekhatywayo iBafana Bafana.√ (1)

5.2.3 Lusetyenziswe ngenjongo yokudala isingqisho.√√ (2)

5.2.4 Uzoba umfanekiso ntelekelelo wokuntingela emafini kweqela leBafana Bafana.√√ (2)

5.2.5 Uthetha ukuba ibhola ingenile ezipalini.√ (1)

5.2.6 Iyafana inamagama amane kumqolo ngamnye.√ (1)

5.2.7 Ngumfanekiso ngqondweni wendlebe√/wokuva.√

[Nayiphi impendulo kwezi.] (1)

5.2.8 Imbongi izele yimincili ivuselela iqela iBafana Bafana ukuba maliye kudlala phesheya liphumelele.√√ (2)

5.2.9 Imbongi iyavuya√√/yonwabile√√ kuba uHee!! sisikhuzo sokubonakalisa ukuvuya√√/ukwalekwa kweempawu zokhuzo kubonakalisa ukuvuya kakhulu.√√ (2)

5.2.10 Uphawu loshiyelelo-sikhamiso.√ (1)

5.2.11 Ndee gram, nonke grum!! …√Qongqololo!√ (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha LINAMACANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane OMABINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula imibuzo ekwinoveli oyifundisiweyo.** | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 8 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula imibuzo ekwidrama oyifundisiweyo.** | | |
| 3. *Ndiyekeni* | 35 | 12 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 4.1 'Ndakuyicela ivuthiwe' | 18 | 16 |
| | | |
| 4.2 'Itutu laseTikitiki' | 17 | 17 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 5.1 'Amasele phezu kodonga' | 18 | 19 |
| | | |
| 5.2 'Bafana Bafana' | 17 | 21 |

**ITSHEKHLISTI**

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU LWAYO | PHAWULA |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' uphandle*) | 1–2 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*) | 3 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Ndakuyicela ivuthiwe')<br>('Itutu laseTikitiki') | 4 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Amasele phezu kodonga')<br>('Umanyano') | 5 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

Bezisithi iimoto ezi ukuhamba, zityibilike, zinge ziyadlisela nangaloo mitshobololo yemisila yothuli. Yiyo ke le nto le nqwelo iququzelayo. Kaloku umfana oyibhexeshayo uhletyelwe ngemeko yomguli lo.

Isikhalo sale nqwelo senze unxunguphalo kubafundi, kuba baphume bee xhonxosholo phandle sekubuye nabomlilo. Abanye kubo bebezibambe ngeenkophe bexakiwe, bothukile, bexhalabile benxunguphele. OkaNtsibande yena akakhange ashukume, athethe, akhohlele kusini. Ebethe cwaka ezolile, kubonakala nje ukubetha kwentliziyo ukuba usekweli lenyama.

Kule ndlwana ebelinde kuyo emva kokubonwa ngugqirha, kugatywe kugatyiwe koontanga bakaMpumelelo nabanye ababefuna ukumbona. Amakhwenkwe aneentambo awenzile lo msebenzi ngomonde ebacenga kwada kwafika esi siphekepheke senqwelo yezigulana yaseGcuwa. Uninzi lude lwafumana ithuba lokumbona xa akhweliswayo elelo tywantsi elingazazi nalapho likhoyo. <u>Uthe ukuba agqitywe nje ukulayishwa, yancwina inqwelo, yatsho ngeso sikhalo sibi, yabashiya nothuli kunye naloo mbono wephanyazo ezintliziyweni zabo.</u>

Awu! yemka into kaNtsibande. Azi ukuba ezangomso ziya kufika nezithini na. Lilishwa, ngumhlola, libulawo kusini? Zishiyeke zibuza iingqondo zabaninzi. Nanko ebalekiselwa kuloo ndlwana yeX-Ray ukuba athiwe mfaxa mfaxa ngezo ntsimbi zayo. **Thina bacholacholi salelwe** ukuba singene, sibone into eyenziwayo. Nto ibonakeleyo nebalaseleyo kukuphithizela kwabongikazi nokugxashiza koogqirha, into ekrokrisayo nexela ukuba noko imeko yalo mfana ayiginyisi mathe.

1.1.1 Xela igama lesikolo ekwenzeka kuso ingozi ekubaliswa ngayo kwesi sicatshulwa. (1)

1.1.2 Chaza ngeengongoma eziMBINI indlela eyenzeka ngayo ingozi eyehlela uMpumelelo xa wayebaleka umlilo. (2)

1.1.3 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) 'Ubona nje bathi le venkile yenu idulu gqitha, kwaye ayibonani navenkile kule lokishi ngobudulu.' | (i) Lungile |
| (b) 'Lungile, wenziwa yintoni le nto wasoloko undixokisa yonke le mihla?' | (ii) Mpumelelo |
| (c) 'Mpumelelo namhlanje ndifuna ukwazisa ukuba impilo yam ayintle konke.' | (iii) Nozililo |
| | (iv) Nomakhwezi |

(3)

1.1.4 Khankanya amayelenqe abe MABINI awenzelwe uMpumelelo nguNozililo. (2)

1.1.5 Siganeko sini esenzekayo esibangela ukuba uMpumelelo abe phakuphaku xa ebona umlilo? (1)

1.1.6 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi siganeko sengozi kaMpumelelo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.7 Chaza impixano anayo uNomakhwezi ngelixa esiya eStanger. (2)

1.1.8 Luluphi uvakalelo oludalwa sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi? (1)

1.1.9 Khetha kwizibiyeli indima kanobalisa etyhilwa libinzana elibhalwe ngqindilili ngezantsi. (Umbalisi ungomnye wabalinganiswa/ umbalisi ungaphandle kwebali.)

**'Thina bacholacholi salelwe** ukuba singene, sibone into eyenziwayo.' (1)

1.1.10 Ngqina ukuba uMpumelelo ngumlinganiswa oyintloko kule noveli. (2)

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

UMpumelelo ubanjwe ngabanye oogqirha bedibene noThembisa, yena ebhovuza efuna laa tsotsi. Ngeli xesha atyhuluba phakathi kwabantu ephuma engena ngumsindo, ikhona imbinana emlaleleyo ukuba aphume ize kumcima igama. Kodwa ngethamsanqa baye abalingane bakhe bambamba bamthoboza bemcela ukuba makazole, angaphumi.

Lo mfana wenzakeleyo uye wabalekiswa esibhedlele ekwimeko embi. Athe amapolisa efika babe ootsotsi sebengasavakali ndawo. Athe akuncina ULizzie nanjengomntu oxhitshulweyo kuba esaziwa, wakhanyela kwaloo nto yokuba uyabazi aba tsotsi. Iindaba zokuhlatywa komntu emdanisweni ziye zaza kufika nakuNozililo obeseluvalelweni. Uye wachulumanca kuba wayecinga ukuba nguMpumelelo, kodwa kuthe kwakufika unyana wakhe wamxelela ukuba ngubani na lo uhlatyiweyo, wasitsho isikhalo kuba kufumaniseke ukuba ngumtshana wakhe owayekhulele kowabo waza kusebenza eThekwini. Amapolisa akakhange aphinde onwabe. Luye lwaqina uphando.

Ngemini elandelayo, uThamsanqa udlene iindlebe nonyana wakhe mayela nemeko yalapha eThekwini kwisithuba samashishini akhe. Umchazele yonke into ebisenzeka ngeli xesha angekhoyo kude kuzokufika kwesi siganeko somdaniso.

'Nyana, **lukho unyawo lwemfene** kule nto. Ngahle liyelenqe eli, kwaye ndiyabazi nabantu balo. Sendibulela nje ukuba wena ngokwakho wenze isigqibo sokuya kusebenza eLusikisiki kuba icacile into yokuba la mayelenqe ebeza kude emke nobomi bakho. Mna akazi kundenza nto nyana; idolophu ndiyiqhelile.'

1.2.1 Yayingowantoni umbhiyozo ababekuwo ooMpumelelo? (1)

1.2.2 Siganeko sini esihlasimlisa umzimba esehla kulo mbhiyozo? (1)

1.2.3 Cacisa ukuba lithetha ntoni ibinzana elingezantsi.

'… ikhona imbinana emlaleleyo ukuba aphume ize kumcima igama.' (2)

1.2.4 Khetha kwizibiyeli indima edlalwe ngumlinganiswa onguThembisa kubomi bukaMpumelelo. (Ngumchasi kaMpumelelo/Ngumxhasi kaMpumelelo/Ngumphixanisi kaMpumelelo.) (1)

1.2.5 Khetha ngezantsi umfanekiso ntelekelelo ozotywa libinzana '… atyhuluba phakathi kwabantu …' ngokwebali.

A Womntu ohamba ngokushixiza.
B Womntu ohamba ngokungxama.
C Womntu ohamba ngondiliseko.
D Womntu ohamba ngokucotha. (1)

1.2.6 Umbhali umzobe njengomlinganiswa onjani uLizzie kwisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.7 Chaza ngesivakalisi esiNYE isiganeko esikhokelele ekubeni uNozililo abe seluvalelweni. (2)

1.2.8 Uyidlale njani indima yobuzali kwimfundo kaThembisa utitshala uNgxowankulu? (2)

1.2.9 Bonisa ukuba sisigqebelo kwesenzo sokuchulumanca kukaNozililo akuva ngokuhlatywa komntu emdanisweni. (2)

1.2.10 Chaza intsingiselo yesaci esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

1.2.11 Nika umxholo wale noveli. (2)
**[35]**

**OKANYE**

## UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA C

Yayise ifudumele ngoku intokazi ngumsindo. *Ithe khwitshi* ukusuka phambi kwetyesi yempahla eyayimi phambi kwayo. Naako isenza izantya ukusinga ngasemnyango – mbakra ukuwuvala, iphuma njalo.

Ukuba yayilibele makube yayibangelwa ngumsindo kodwa yaqhwayiza kwezo zitalato ithe wambu umnweba wokuvuka nje kuphela, phezu kwesaa sibheshwana sisesinqeni. Kambe ke yambonzeleka phambili ingayeki-ukuqoshela oku izithe nkintshi imilenzana ngaloo mnweba.

Apho ifike yamisa khona kuphambi komnyango wegunjana lendlu, kweyona ngxingwa imnyama kweso sitalato. Ilungombe ngamandla ucango ukunkqonkqoza. Wakhala umntu engaphakathi, 'Ungubani?'
'Ndim, Sis'MamKhey – vula,' iphendule ngelo intokazi.
'Nguwe lowo Linda?' Kwangqinisisa umntu owayegoqozisa izinto ekucaca ukuba ziyazinyeliswa. Nemibuzo leyo yayiyeyokulibazisa nje.
'Ndim, Sis'MamKhey.'
Uvulile **uMaKheswa–eso sidudla sentokazi**. Wavela selethwele uncumo lwakhe lwesiqhelo–uncumo lwabo bonke oonomashishini. Umfazi lo wayendwebile, njengazo zonke iishibhini. Amehlo ayesele elaqalaqaza, efuna ukuqonda ukuba akukho mntu uthe kanti uthe nca phandle ngasemnyango phambi kokuba alungenise undwendwe lwakhe. Akuba ezanelisile, uyalathise isihlalo le nzwakazi, eyinika esona simfumamfuma kuloo ndlu yakhe intle isimanga.

Ubuzile uMaKheswa, izandla sezihlikihla <u>oku komthetheleli wemarike</u> xa efuna ukuthengisa idlavu lento engenamsebenzi ngexabiso eliphezulu:
'Ubusithini, sisi?'
'Anjani amaqula namhlanje? Ndifun'into, nokuba yi-50.'

2.1.1 Caphula kumhlathi wokuqala isivakalisi esiqulethe izenzo ezingqina ukuba ngenene uLinda wayenomsindo. (1)

2.1.2 Yintoni eyayimenza umsindo uLinda? (2)

2.1.3 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) 'Ndikhetha ukuba ityala lam kwinkundla ephakamileyo lihlalelwe yijaji nabancedisi bayo ababini.' | (i) Nkosk Hobe |
| (b) 'Arh maan Lulu, uLinda akayi eRio. Usisigulana apho akhoyo.' | (ii) Linda Monti |
| (c) 'Ezi ke zizihlobo zikaEddie, ndiyaphinda nditsho.' | (iii) Eddie |
| | (iv) Hlobo |

(3)

2.1.4 Idala oluphi uvakalelo imiqondiso ekwibinzana elingezantsi? Xhasa impendulo yakho.

'… kweyona ngxingwa imnyama kweso sitalato.' (2)

2.1.5 Lizoba mfanekiso ntelekelelo mni ibinzana, '*ithe khwitshi* ...' ngokwesicatshulwa'? (2)

2.1.6 Khetha kwizibiyeli olona didi lozobo lwabalinganiswa oluvezwa sisivakalisi esibhalwe ngqindilili ngezantsi. (Uzobo mayana/Uzobo ngqo.) Xhasa impendulo yakho.

'Uvulile **uMaKheswa–eso sidudla sentokazi**.' (2)

2.1.7 Siwandise njani amathuba okuba ngumrhanelwa kukaLinda kwityala lokubulawa kukaEddie isiganeko sokuya kwakhe kwaMamKhey? (2)

2.1.8 Xela isafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

2.1.9 Cacisa indima edlawe ngumlinganiswa onguMaKheswa kule noveli. (2)

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

Iincwadi zibuye zisithi ityala lifanele ijaji. Enziwe ke amalungiselelo okokuba lixoxwe kwalapho eMonti ngenyanga kaSeptemba xa ijaji leyo ikumjikelo wayo wonyaka.

Yayingavumi ukuqheleka ebantwini into yokuba uLinda Monti ngokwenene ujongwe yintambo okanye ubomi bakhe entolongweni. Laye likhula ngokukhula inani labantu abavelana naye, bengqubeka bengqubekile egqwetheni ukuya kuqonda ukuba ingaba likho na ithemba lokusinda kwakhe.

Igqwetha labaphendula ngelithi, 'Kaloku ityala xa selidluliselwe kwinkundla ephakamileyo, selifanele amakhwenkwe amakhulu, ezona ngcali zomthetho. Nam ke ndilinikezele kwigqwetha lejaji. Ithemba lokusinda kwakhe akukho mntu waziyo nokuba likho na.

'Yena uLinda uqinisekile ukuba umsulwa kwesi senzo. Angade abe uqinisekile, angade abe utsho enyanisile, endiyoyikiselayo yeyokuba akanamangqina akumhlangula, naye ngokwakhe engenabungqina banelisayo bakubonisa obo bumsulwa bakhe.

'Into engafane yenze ukuba inkundla imkhulule ngamathandabuzo. Akukho namnye kumangqina omtshutshisi okhe wathi, ndambona mna uLinda edubula. Akukho mntu uqinisekileyo ukuba yayinguLinda elaa nenekazi labonwa lilalele esingeni ngaseRio nangona isinxibo sasisesikaLinda, namavili emoto efana nalawo kaLinda. Kodwa ke amathandabuzo ngamathandabuzo; ndoba nawo mna loo mathandabuzo kanti omnye akanawo. Koxhomekeka kulowo ugwebayo. Yena umgwebi lowo angatsho alungelwe ukuthi nangona ekhona amathandabuzo alolu hlobo, bona bukhulu ubungqina obumenza akrokreleke uLinda ngenxa yokuphela kwemvisiswano phakathi kwakhe noEddie – loo mvisiswano iphela ngenxa kaLulama.'

2.2.1 Nika isiganeko esingunobangela wophando oluqhubeka kweli bali. (1)

2.2.2 Sigwebo sini awayejongwe siso uLinda ngokwesi sicatshulwa? (1)

2.2.3 Lizoba wuphi umfanekiso ntelekelelo kule ingezantsi ibinzana '… bengqubeka bengqubekile …'?

A Wabantu ababesiya belandelelana.
B Wabantu ababengxamile.
C Wabantu ababeneenduma.
D Wabantu ababemana ukuya bebuyelela. (1)

2.2.4 UThembisa ungumlinganiswa ozotywe njani kule noveli? (1)

2.2.5 Xela iziganeko zibe ziBINI ezibonisa ukuba uDuma wayemxhasile uLinda. (2)

2.2.6 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi siganeko sokudluliselwa kwetyala likaLinda kwinkundla yejaji? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.7 Yintoni eyabangela ukuba uLinda arhaneleke kweli tyala lokubulala uEddie? (1)

2.2.8 Kutheni kusisigqebelo ukubanjwa kukaLinda ngezityholo zokubulala uEddie? (1)

2.2.9 Bube luncedo njani ubungqina obufumaneke kuJoe Bumba kuphando malunga nokugwintwa kukaEddie? (2)

2.2.10 Yayibangelwa yintoni ingxabano yabaseki beMoonglow Night Club? (2)

2.2.11 Uyavumelana noKhumalo ukuba yayiphelile imvisiswano phakathi kukaEddie noLinda? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.12 Nika umxholo wale noveli. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

### UMBUZO 3: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

*(Sekulithuba uMawonga engaphangeli. Imoto yaphela, imali yasinya mpela. Sekuphangela umfazi, impilo ayinto umfo uxhaxha nokuba sekushushu. Simbona emzini wakhe eshushu kade.)*

| | |
|---|---|
| MAWONGA: | Kwekhu! Ndilambile. Sapha i ... i ... in ... |
| THANDIWE: | Mandikwenzele ntoni? |
| MAWONGA: | Inyama man *(Esitsho lukhuni abuye athi rhuthu isizekevu sesimehlana alinde ngaso inyama)* Iphi le nyama? |
| THANDIWE: | Ndisafudumeza ukutya. |
| MAWONGA: | Fudu-meza ntoni? sa-apha loo nyama. *(Asule izinkcwe ezivuzayo ngomkhono webhatyi, ithi ngqu intloko phezu kwetafile. Khalakahla! Sawa, saphuka isibane esibetha ngempazamo ngokolula ingalo.)* |
| THANDIWE: | O! Nkosi yam *(Bahlahlamba abantwana), (kwalayitwa ikhandlela.)* |
| MAWONGA: | Stop that noise. Thula. |
| | *(Cwaka)* |
| THANDIWE: | Undincede ungafombi abantwana bam. |
| MAWONGA: | O! Undenza i-inxila? (*Uthe makaphakame, wee folokohlo neso situlo babaleka abantwana bema ngakunina.)* |
| MAWONGA: | Ya! Iphi laa nyama *(Ephakama)* |
| THANDIWE: | Nantsi phezu kwetafile. |
| MAWONGA: | Yaa! that's nice *(Atsho* ***exhafuza****, abuye athi)* Ndithi, ndithi kanene bendisithini? Haha! Ha! Thandie girl, sapha ifive rand tu! Uyeva? |
| THANDIWE: | Imali andinayo, tu. |
| MAWONGA: | Ndiza kuhlawula ityala lam kwaNosisi. |

| | |
|---|---|
| NOSISI: | *(Gulukungqu kungena uNosisi engankqonkqozanga)*<br><br>Molweni.<br>*(Cwaka)* |
| NOSISI: | Akunanto nokuba anivumanga, Mawonga, sapha *(Esolula isandla)* saph'imali yam. |
| MAWONGA: | Uze, u-ze ku- kundiphoxa endlwini yam? |
| NOSISI: | <u>Ndiphoxwe nguwe kuqala, zisa imali yotywala bam. Andibeli wena ndibela uRhulumente.</u> |
| MAWONGA: | <u>Kulungile, ndiza kufika phaya endlwini.</u> |
| NOSISI: | <u>Uqhel'ukutsho. Andiphumi apha ingekho imali yam.</u> |

3.1.1 Iqhubeka phi le ncoko ikwisicatshulwa? (1)

3.1.2 Xela isizathu esabangela ukuba uMawonga awuyekiswe umsebenzi. (1)

3.1.3 Nika intsingiselo yebinzana elithi '… imali yasinya mpela'. (1)

3.1.4 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) 'Look Wonga boy, yiba yindoda …Take a sip.' | (i) Mawonga |
| | (ii) Zanele |
| (b) 'Sukundibuza intaphane yemibuzo, Thandie.' | (iii) Ndila |
| (c) 'Kunjani ngeti papa?' | (iv) Funeka |

(3)

3.1.5 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sedrama esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.6 Lizoba mfanekiso ntelekelelo mni igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

3.1.7 Iveza ntoni ngesimo somlinganiswa onguNosisi incoko ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

3.1.8 Yintoni umsebenzi wamagama abhalwe bukekela kwidrama? (1)

3.1.9 Kusityhilela ntoni ngesimo sentlalo ukuthethwa kwesiNgesi kule drama? (2)

3.1.10 Luluphi udidi lomdlalo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

| | |
|---|---|
| MADALA: | Malungu ekomiti ivuliwe intlanganiso. Kambe ke umcimbi esingawo apha seniwazi, waziwa nini nangaphezu kwam. KuMvulo ophelileyo sabizelwa esikolweni ngabahloli, apho safika utitshala lo wethu mkhulu egula, eguliswa zezeli lizwe. Umcimbi lo ayisengowenu, ngokaRhulumente nabahloli. Ke … |
| NKOSK ZINZO: | Ke sibizelweni na xa kunjalo? |
| MADALA: | Ke, nibizelwe ukuba naziswe okokuba kukho into enje, nicebise ukuba ninakho. Ndimi (*Ahlale*) |
| MAVUSO: | Sihlalo, akusekho kuthundeza bhityo namhlanje. Lo mfana waziwa nanguthathatha ukuba ulala apho ahlwelwe khona echolwa nasezitalatweni. |
| JEKWA: | Namhlanje **ninkqenkqeza phambili okweefolosi**, Kubaswe phi, kubase bani? |
| MADALA: | Zinkosi yekani izagwelo, nangu umcimbi. Nikubonile ukutshila kwentambanane, nikubonile ukudubula kwenkanga, senibona ngoku ukutha kwayo. |
| LAMLA: | Siyaxakwa thina mayilo xa kunje. |
| ZINZO: | Sivile mhlalingaphambili, sisacinga indlela yokunqanda inkanga ingethi ide itshe pam. |
| MAVUSO: | Kanene inimba inamaqhinga? Nanitheni mhla ngoNdila senifuna-funa indledlana nje? Makahambe naye. |
| JEKWA: | Mna. Ndiphakamisa okokuba acetyiswe lo mfana okokuba arhoxe emsebenzini ngoku. |
| LAMLA: | Ndiyasekela, liyinyaniso elo. *(Avumelane amalungu)* |
| MADALA: | Ndihlala ndinixelela mihla le ukuba sikwixesha esingalaziyo, laziwa ngabaninilo kuphela. Ukugweba ngophondo mihla le akusisi ndawo, kungekho nonokugxeka omnye nomnye irhawu lidla umzi. Heke! Ngoku ke sisawugqibile lo. Nicinga ukuba singafaka bani kwesi sithuba. |
| NKOSK ZINZO: | Andiqondi ukuba singazikhathaza ngaloo nto okwakaloku nje. Leyo into inemini yayo. |

3.2.1 Nika igama lomlinganiswa ekuxoxwa ngaye kule ntlanganiso. (1)

3.2.2 Uzotywe njengomlinganiswa onjani uMadala kule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.3 Sinika ntsingiselo ni isifaniso esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ngokubhekiselele kumalungu ekomiti? (2)

3.2.4 Ngqina amazwi kaMadala athi, '… nikubonile ukudubula kwenkanga, senibona ngoku ukutha kwayo' ngokubhekiselele kuMawonga. (2)

3.2.5 Khetha olona didi lozobo lwabalinganiswa olusetyenziswe kwintetho kaMavuso kwimpendulo ezingezantsi.

'Lo mfana waziwa nanguthathatha ukuba ulala apho ahlwelwe khona luzobo …'

A oluthe ngqo.

B olucalanye.

C olumayana.

D olungqukuva. (1)

3.2.6 Sizotywe njani isimo sentlalo kule drama? (2)

3.2.7 Chaza intsingiselo yesaci esithi, '… akusekho kuthundeza bhityo …'. (2)

3.2.8 Loluphi udidi lwempixano oluveliswa kukuzibulala kukaMawonga? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.9 UMawonga uzotywe wangumlinganiswa onjani kule drama? (2)

3.2.10 Mfundiso ni edluliswa ngumbhali ngalo mdlalo? (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 4: 'NDAKUYICELA IVUTHIWE' – LL Ngewu & EZ Guqa

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**'NDAKUYICELA IVUTHIWE' – LL Ngewu**

**ISICATSHULWA G**

Ukwenzeka kwale nto uQolwana ubonile ukuba makakhe aye kuyibikela amadoda amaNdlambe. Uyiphalazile intlungu yakhe, amadoda ephulaphule ngathi afuna ukuziva zonke iingcombolo zesi simanga. Ukhalele nemali zakhe azichithileyo efundisa umfazi, kanti uza kuphuma apho ebengamlindelanga khona. Amadoda aphose linye mabini, kubonakala ukuba ngamazwi ovelwano angenakubuyisa mfazi ohlise intlambo.

Kubemnandi kuQolwana akuva ukuba ooyisekazi bayavelana naye kule ntlungu ingaka. Kwalile esajonge leyo, uMluleki wamhla entloko wenjenje, *'Uyabona mfo kaMchitheki, ndanditshilo, ndathi ndakuyicela ivuthiwe. Usiza nayo kuthi nje uyaqonda ukuba ivuthiwe. Into nje ke esingekayenzi singamaNdlambe kukuyicela. Lo umfazi usibalisela ngaye ngowakho, kwakutsho wena. Thina ke singamaNdlambe, sisalindile ukuba usibize, usazise ukuba ubone intombi endaweni ethile, yaye uyarhana ukuba inganguye umfazi wamaNdlambe. Ndambona engena laa* ***notsibidyokhwe*** *ukuba uyagqitha.'*

Uwashiyile uQolwana amadoda engathandabuzi ukuba amazwi kaMluleki ayinene. Umcimbi wokufuna omnye umfazi wona ubusesezinkwenkwezini kuye kuba esazi ukuba umfazi akalotyolwa ngeenkomo zomdongwe zona zibunjwayo. Ubethi xa ajonge iintsana ezintathu ashiywe nazo ngumfazi wakhe kube buhlungu xa zimana zibuza zisithi, *'Tata umama uye phi?'* Ubengaxakwa ukuwuphendula lo mbuzo, <u>kodwa bekuye kuthi bakubuza aba bantwana ukuba uza kubuya nini, inkal'ixinge etyeni</u>.

4.1.1 Bathetha bephi aba bantu bakwisicatshulwa? (1)

4.1.2 Liphi ikhaya likaNozukile? (1)

4.1.3 Yintoni unobangela wempixano phakathi koQolwana namaNdlambe? (2)

4.1.4 Ngqina ubugqebelo kwigama lomlinganiswa onguNozukile. (1)

4.1.5 Kwakutheni ukuze uQolwana abize amaNdlambe? (2)

4.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) '... Into enjengale asilosiko lalapha.' | (i) Qolwana |
| (b) 'Hayi kaloku, umfazi ngowakho.' | (ii) Mluleki |
| (c) 'Bantwana bam, hlalani apha ekhaya nonwabe.' | (iii) MaVumisa |
| | (iv) Nokwanda |

(3)

4.1.7 Mfanekiso ntelekelelo mni ozotywa ligama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

4.1.8 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi siganeko sikaQolwana sokubikela amaNdlambe? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.9 Chaza intsingiselo yesaci esifumaneka kwisivakalisi esinomgca ngaphantsi. (2)

4.1.10 Sinxulumana njani isihloko seli bali nomxholo walo? (2)

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**'ITUTU LASETIKITIKI' – LL Ngewu**

**ISICATSHULWA H**

UThobile unyana kaMdesalini ubonakale eselula kakhulu ukuba unengqondo yemveli. Ingcombolo zenkqubo yakhe kumabanga asezantsi azaziwa, kodwa ititshalakazi eyayimfundisa kwibanga lesibini nelesithathu ayimlibali umntwana owayenza le titshalakazi yakrokra ukuba ubizo lobutitshala babungalungiselelwanga yona. Into ecacileyo yona kukuba uThobile wayekrelekrele, engenangqondo nje kuphela, koko enabo nobuchopho. Obu bukrelekrele bakhe uThobile babumze entloko ngendlela nje engathandekiyo kwititshalakazi ejongene nezidodo zabantwana, ababenokuqhuba ngcono esikolweni xa benikwe umdongwe endaweni yephepha lokubhala. Mhlawumbi obu bukrelekrele babungebodwa kuba uThobile ube nesimbo sokuthatha into zabanye abantu ngendlela nje eyothusayo enokwenza omnye umntu amtyabeke ngobututu.

Unyana kaMdesalini ubelihashe eliphalayo nelingakwaziyo ukunyamezela ititshalakazi ephindaphindana nento enye. Ititshalakazi yebanga lesibini ibivakala yonk'imihla ngemini yesikolo ikhwaza isithi, *'Class, I am going to the door! What am I doing class?'* Bebehlokoma abantwana kungekho kungqinelana ukuba kwenzeka ntoni kanye. Uninzi lwabo belusitsho kamnandi luthi, '*I am gowin thu di dho.'* Izinto ezifana nale uThobile ebengakwazi ukuzinyamezela.

Bekuthi phambi kokuba singene isikolo, le nkewu ingenise isikolo sokudlala. Ibizenza zonke izimbo zetitshalakazi yebanga lesibini. Unkabi ubebaqeqesha aba bafundi bakhe bexeshana ukuba bangathi, *'going to the door' koko bathi, 'gowin thu di dho'.*

4.2.1 Wenza ntoni uMdesalini njengomzali akubona uThobile engekho seklasini? (1)

4.2.2 Uzotywa njengomlinganiswa onjani utitshalakazi ngokwesivakalisi esinomgca ngaphantsi? (2)

4.2.3 Khetha uphawu lwenoveli oluyahlula kwezinye iijenre kwezi zilandelayo.

A Isitanza
B Imiboniso
C Imihlathi
D Indima (1)

4.2.4 Sisibonisa ntoni isikweko esibhalwe ngezantsi ngesimo sikaThobile?

'… ubelihashe eliphalayo …' (2)

4.2.5 Xela iindawo zibe MBINI eliqhubeka kuzo eli bali. (2)

4.2.6 Sinika ntsingiselo ni ngoThobile isafobe esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi?

'Obu bukrelekrele bakhe uThobile **babumze entloko** ngendlela …' (2)

4.2.7 Loluphi udidi lozobo lwabalinganiswa olusetyenziswe kwisivakalisi esingezantsi? Xhasa impendulo yakho.

'Into ecacileyo yona kukuba uThobile wayekrelekrele.' (2)

4.2.8 Saba yintoni isisombululo sempixano phakathi kukaThobile nabahlali beelali ezimngqongileyo? (1)

4.2.9 Sinxulumana njani isihloko seli balana nomxholo? (2)

4.2.10 Ingaba limfanele igama awawongwa ngalo uThobile ekupheleni kwebali? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE – *VUKANI MADODA KUSILE*

Phendula imibuzwana YOMIBINI.

### UMBUZO 5

5.1 Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Amasele phezu kodonga – MM Duka**

Ewe, phezu kodonga lomlambo,
Bee dwadwalala abomlambo.
Uphume ngendlu umzi kaSele, 1
Kwenziwa njalo xa konakele,
Kuboniswane ngezidla usapho.

Ladum' ibandla kwahlokom' iindonga,
Kukhahlelw'inkonyana yohlanga,
**Imbishimbishi enokukratsha**, 2
Eyathetha ngeenyoka yampatsha,
Isith' iinyoka zibhejel' amasele.

Yahlala phantsi sele igwintsa,
Umqal' ohlaza umfimfithisa.
Zagilan' iinduna ngezifuba, 3
Zathuthuzela inkosi yathula.
Kwee nzwanga kungekho nosebezayo.

Vumbululu Xoxwazan' uNkonde,
Wathetha ephezu kwesikhondo:
'Asikagqibi minyakana simanyiwe.
Uyise kaYoli ugwintiwe.
Ngamatatasholo amadoda akwaSele.'
Avunuka amadoda aguguma.
Endumzela kwandila ugwaluma. 4
KwalamlaNdun' enkulu UNdubule:
'Madoda inyaniso iyahlaba.
Masifunzeni saphela kulo mhlaba.'
Vu phantsi iNduna kad' ibilinga.
Yancin' amehlo yang' iyacinga.
Kwee thu mrhutyululu werhamba,
Kwaqala mcebi-cebo ukusaba.
Yee zulumbele loo ndimbane.

5.1.1 Yayiyintoni injongo yendibano yamasele phezu kodonga ngokwalo mbongo? (1)

5.1.2 Khetha eyona ntsingiselo inikwa ngumqolo othi, 'Uphume ngendlu umzi kaSele,' kwezi zilandelayo.

A Ukuphuma ngogonyamelo kwamasele.
B Ukuphuma izithuba kwamasele.
C Ukuphuma ngomsindo kwamasele.
D Ukuphuma ngobuninzi kwamasele. (1)

5.1.3 Xela uhlobo lophindaphindo olunomgca ngaphantsi ekupheleni kwemiqolo emibini yokuqala. (1)

5.1.4 Lithetha ntoni ibinzana, 'inkonyana yohlanga' kumqolo wesi-7? (1)

5.1.5 Uzoba umfanekiso ntelekelelo mni umqolo obhalwe ngqindilili? (2)

5.1.6 Tshatisa intsingiselo yesitanza ngasinye ekuKHOLAM B nesitanza esikuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Isitanza 1<br>(b) Isitanza 2<br>(c) Isitanza 3 | (i) Amasele amkela inkonyana yohlanga ngobutshaba beenyoka.<br>(ii) Amasele ahlangana onke ngenjongo yokuxoxa ngezekhaya.<br>(iii) Indlela inkonyana yohlanga eyayinqanda ngayo ubutshaba bamasele kwiinyoka.<br>(iv) Iinduna yahlala phantsi inomsindo yathuthuzelwa yathula. |

(3)

5.1.7 Lizoba mfanekiso ngqondweni wantoni ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi? (1)

5.1.8 Yiyiphi injongo yokusetyenziswa kophawu loshiyelelo lwesikhamiso kumqolo wama-26 nowama-27? (1)

5.1.9 Xela umsebenzi weempawu zocaphulo kwimiqolo ye-18 ukuya kowama-20. (1)

5.1.10 Sahluke njani isakhiwo sangaphandle sesitanza sesi-3 nesesi-4? (1)

5.1.11 (a) Chonga nasiphi isafobe esifumaneka kwimiqolo yama-23 ukuya kweyama-26.

(b) Siluluphi udidi isafobe osichongileyo? (2)

5.1.12 Cacisa okuqulethwe kumqolo wama-29. (2)

5.1.13 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? (1)

5.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Bafana Bafana – S Xayimpi**

Bafana bafana!
Bafana bafana!
**Ndizani bafana bafana, ndizani**!
Ndizani bafana bafana, ndizani!
Ngamayeyeye, yimincili! 1
Yintswahla-a-a-a!
Bawinil' abafana bafana, bawinile!
Bawinil' abafana bafana, bawinile!
Laduma bafana bafana, laduma!

Bafana bafana!
Bafana bafana!
Uyabulel'uMzantsi Afrika,
Ngezi nguqu nizenze kweli lizwe; 2
Uthi: Phambili makhwenkwe kaRholihlahla, phambili!
Phambili makhwenkwe kaRholihlahla, phambili!

Yiyo loo nto sisithi: ndizani bafana bafana, ndizani,
Ndizani Bafana Bafana, ndizani,
Niye phesheya kolwandle niy'okuphumelelela indebe yehlabathi.
Huntshu Bafana Bafana, huntshu! 3
Huntshu Bafana Bafana, huntshu!
Hee!! Hee!! Hee!!

........................................................

Yagqum'ingonyama kaDoctor Khumalo,
Yagqum'ingonyama kaMark Fish,
Yagqum'ingonyama kaTshipa Masinga, 4
Yagqum'ingonyama kaMark Williams,
Ndee gram, nonke grum!!
Qongqololo!

5.2.1 Yintoni injongo yembongi ngalo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2.2 Ibhekisa kubani imbongi kulo mbongo? (1)

5.2.3 Lusetyenziswe ngayiphi injongo uphindaphindo olukwimiqolo emibini yokuqala kwisitanza soku-1 nesesi-2? (2)

5.2.4 Uzoba mfanekiso ntelekelelo mni umqolo obhalwe ngqindilili kwisitanza sokuqala? (2)

5.2.5 Ithetha ukuthini imbongi kumqolo wesi-9? (1)

5.2.6 Thelekisa isakhiwo sangaphandle somqolo wesi-3 nowesi-4. (1)

5.2.7 Ngumfanekiso ngqondweni wantoni otyhilwa libinzana, 'yagqum'ingonyama'? (1)

5.2.8 Xela okuqulethwe sisitanza sesi-3. (2)

5.2.9 Umqolo onomgca ngaphantsi kwisitanza sesi-3 ukutyhilela ntoni ngovakalelo lwembongi. (2)

5.2.10 Khetha isixhobo sohlalutyo esisetyenziselwe ukudala isingqisho esikumqolo wama-32 kwezi zikwizibiyeli. (Isikweko/Uphawu loshiyelelo-sikhamiso/Isiphumlisi) (1)

5.2.11 Caphula imiqolo emiBINI eneempawu zesibongo somthonyama kwisitanza sokugqibela. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ngqongqo ukuba usebenzise malunga nama:

   - 80 emizuzu kwiCANDELO A
   - 40 emizuzu kwiCANDELO B
   - 30 emizuzu kwiCANDELO C

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kweli phepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Ubulumko. **[50]**

1.2 Ndonwaba kakhulu ngaloo mini. **[50]**

1.3 Ubungozi beziyobisi. **[50]**

1.4 Mayinxitywe okanye inganxitywa iyunifom ezikolweni. **[50]**

1.5 Amava andenza ukuba ndibe ngulo mntu ndinguye. **[50]**

1.6 Ubuhlobo benene abuphelelwa. **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Uthathwe ku-www.googlepics.com] **[50]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta yovelwano eya kumhlobo wakho ongaphumelelanga ibanga leshumi. **[30]**

2.2 **IOBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari yombhali weencwadi omkhethileyo. **[30]**

2.3 **IAJENDA NEMIZUZU**

Bhala iajenda nemizuzu yentlanganiso ebe niyibambe nenqununu malunga nemicimbi echaphazela isikolo senu. **[30]**

2.4 **UDLIWANONDLEBE**

Bhala udliwanondlebe phakathi kwentatheli kaMabonakude kunye nemvumi eyaziwayo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela).

3.1 **IPOWUSTA**


Bhala ipowusta yokwazisa ngekonsathi yeekwayala zecawe eza kubanjelwa kwibala lezemidlalo elikufutshane kuwe. **[20]**

3.2 **UNGENISO LWEDAYARI**

Bhala ungeniso lwedayari yakho lweentsuku ezintlanu obutyelele ngazo kwenye yeedolophu ezinkulu zoMzantsi Afrika, ubalule iindawo ezahlukeneyo obuzihambile. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

Bhala isalathisi sokubonisa umhlobo wakho ohamba ngeenyawo indlela esuka e*Central Station isiya eMagistrates Court*, ahambe ngesitalato i*Church* adlule ngase*Town Hall*.




[Uthathwe ku-Google maps.com] **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**